wonke umntu kufuneka aqhube ukuhlawulela ilayisensi ye-TV njengoko kufunwa njalo ngumthetho.

13. **Yintoni umahluko phakathi kukamabonakude wasemhlabeni wedijithali (digital terrestrial television) (DTT) nomabonakude wesathelayithi?**

Ezi ngokulula ziindlela ezahlukeneyo zokusasaza umqondiso. Usasazo lukamabonakude wesathelayithi oluvela esithubeni phezulu olo ulufumana ngedishi yesathelayithi exhonywe endlini yakho. UMabonakude waseMhlabeni weDijithali usebenzisa izixhobo zokusasaza ezisemhlabeni ukusasaza umqondiso oye ke uwufumane usebenzisa ieriyali ye-TV nedikhowuda.

14. **Yintoni umabonakude ofakwe kwidijithali?**

Kuyenzeka ngoku ukuthenga i-TV enedikhowuda eyakhelwe kwi-TV. Ezi kuthiwa ngoomabonakude abafakwe idijithali (integrated digital televisions) (IDTV) kuba idikhowuda ifakiwe. Useza kuyifuna ieriyali yaphandle ye-UHF ukufumana umqondiso emoyeni ukuze i-IDTV yakho idikhowude kwaye ibonise imifanekiso.

15. **Ingaba ndiza kufuna iidikhowuda ezintathu: Enye ye-SABC, enye ye-e.tv kunye nenye ye-M-Net?**

Hayi, ufuna enye kuphela - Idikhowuda yakho iza wukwazi ukufumana amajelo edijithali kulo lonke usasazo olunemvume loMzantsi Afrika. Kumajelo eMNet DTT, uza kufuna idikhowuda ye-GoTV enawo onke amajelo e-SABC nawe-etv kananjalo, kodwa kuza kufuneka uhlawule imali ehlawulwa ngenyanga kwi-Mnet.

16. **Ndingasithenga phi i-smart card sedikhowuda yam?**

Akufanelanga usithenge i-smart card, sakhelwe kwidikhowuda.

17. **Ndingongeza amajelo kwidikhowuda yam?**

Hayi abosasazo baya kongeza amajelo amatsha xa efumaneka.

18. **Ingaba ndiza wukwazi ukubukela i-DTT ukuba ndinedishi yesathelayithi kuphela?**

Hayi, akukho mfuneko kuba idikhowuda yakho yesathelayithi inawo onke amajelo afumanekayo kwi-DTT. Ngeke ukwazi ukufumana amajelo e-DTT ukuba unedikhowuda yesathelayithi ye-DTH.

19. **Ukuba ndineeseti ezintathu zee-TV endlini, ingaba kuza kufuneka ndibe nee-STB ezintathu?**

Ewe

20. **Ingaba kufanele ndibe ne-TV ye-high definition ngoku kutshintshela kwi-DTT?**

Umabonakude we-HD akafuneki ukuze ubukele usasazo lwedijithali, kodwa ukuba isiqulatho senkqubo besirekhodwe kwi-High Definition umsebenzisi kaMabonakude we-HD uza kubona ukucaca neenkcukacha eziphucukileyo oko obekungenzeki kusasazo lweanalogu.

21. **Ndenzani xa idikhowuda yam inganiki mfanekiso we-TV okumgangatho omhle?**

Oku kungaba kubangelwa yieriyali ye-TV enengxaki okanye ziingxaki zeegcingo okanye zokufumana umqondiso we-TV ezifana nempazamo kwiingcingo kwindlela ezininzi ezihamba ngazo iingcingo. Tsalela umNxeba iZiko lemiNxeba ku: 0860 736-832 okanye iWhatsApp ku: 0600 625 458 ngoncedo.

**Ngolwazi oluthe vetshe qhagamshelana:**
**INombolo yeZiko lemiNxeba:** 0860 736 832
**I-WhatsApp: 0600 625 458**
**I-Webpage:** : www.dcdt.gov.za
**I-Twitter:** @go digital za
**I-Facebook:** Go Digital ZA

# GODIGITAL SOUTH AFRICA

isiXhosa



**DIGITAL TERRESTRIAL TELEVISION (DTT)**
**YONKE INTO OFUNA UKUYAZI NGOKUFUDUKELA KWIDIJITHALI**

communications & digital technologies
Department:
Communications & Digital Technologies
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

GO DIGITAL

## YONKE INTO OFUNA UKUYAZI NGOKUFUDUKELA KWIDIJITHALI

**1. Yintoni ukuFudukela kwiDijithali?**

Yinkqubo yokusuka kusasazo lweanalogu kusiyiwa kwidijithali.

Lutshintsho lobuchwepheshe ukusuka kwinkqubo endala yeanalogu ukuya kwinkqubo entsha yedijithali enika amava okubukela okusemgangathweni ongcono. Umbukeli ufuna idikhoda yedijithali okanye i-STB, mhlawumbi kuMabonakude waseMhlabeni weDijithali (DTT) okanye oza Ngqo eKhaya (DTH), ukuze azuze kumava okubukela akumgangatho ophezulu.

**2. Yintoni umahluko phakathi koMabonakude waseMhlabeni weDijithali (Digital Terrestrial Television) (DTT) noza Ngqo eKhaya (Direct to Home) (DTH)?**

I-DTT yi-TV yedijithali esebenzisa usasazo olusekelwe emhlabeni(terrestrial)lwedijithali ukuba izise umqondiso kwikhaya lakho. I-DTH yi-TV yedijithali esebenzisa isathelayithi ukuzisa amajelo osasazo ngedijithali kwikhaya lakho.

**3. Kutheni kufuneka sitshintshe kwi-TV yeanalogu siye kweyedijithali?**

Ukuhambelana namanye amazwe kunye nokusa phambili uphuhliso lobuchwepheshe kwihlabathi ngokubanzi, urhulumente unesibophelelo sehlabathi sokusuka kwi-TV yeanalogu aye kweyedijithali. Iinzuzo zosasazo lwe-TV yedijithali ziquka:

- Umgangatho ogqwesileyo womfanekiso
- Isandi esicacileyo
- Amajelo amaninzi
- Isikhokelo se-TV yedijithali esinokuhlaziywa ngokulula ngeeshedyuli ezicace ngokungaphaya.
- Iinkonzo ezifana nezemidlalo okanye ijelo leMozulu.
- Umgangatho womfanekiso awehli ngomqondiso we-eriyali ye-TV obuthathaka. Umfanekiso we-TV yakho uza kugqibelela okanye awuyi kuba nomfanekiso kwaphela. Ngeke ube saba nemifanekiso ebunkungu.
- Ivumela usasazo lwemifanekiso ye-TV ye-high definition (HD 1080)
- IziKhululo zooNomathotholo

**4. Ndiza kufuna ntoni ukutshintshela ekuFudukeleni kwiDijithali?**

Ufuna idikhowuda yedijithali eyaziwa kananjalo njenge-Set Top Box (STB) ekukwathiwa yidikhowuda, esisixhobo esiza kufaka umqondiso wedijithali ukuze amajelo abonakale kwiseti yakho kamabonakude.

**5. Ndiyifanelekela njani idikhowuda exhaswayo?**

Urhulumente uza kunika iidikhowuda zasimahla amakhaya ahluphekayo anee-TV angamawaka amahlanu (5).

La maqela alandelayo anokufaneleka ukuba afumane inkxaso:

- Kufuneka ube ngummi waseMzantsi Afrika onoXwebhu lweSazisi (Identity Dopcument) (ID) lwaseMzantsi Afrika
- Imizi ehluphekayo enee-TV, erhola ama-R3500 okanye ngaphantsi okanye abo bafumana izibonelelo zentlalo
- Imizi eneeseti ezisebenzayo zee-TV
- Imizi esele ikwisikim sesivumelwano semvume ye-TV ye-SABC.
- Abantu baseMzantsi Afrika abahlala kwimimandla ejikeleze umda kunye ne-SKA kumNtla Koloni.

**6. Imizi erhola ngaphezulu kwama-R3500**

Imizi erhola ngaphezulu kwama-R3500 ngenyanga kuza kulindelwa ukuba ithenge iidikhoda zayo kuyo nayiphi ivenkile ezithengisayo nokuba yi-DSTV, OpenView okanye i-StarSat. Iidikhowuda zikarhulumente azikafumaneki emarikeni okwangoku, nakuba kunjalo ii-TV zedijithali ezinophawu lwe-Go Digital ziyafumaneka kananjalo kwaye zifanelekile ukuba zifumane amajelo osasazo e-DTT kungekho dikhowuda yongezelelweyo.

**7. Ukuba ndikwi-DStv, OpenView okanye, i-StarSat, ingaba ndisayifuna idikhowuda?**

Hayi, kuba ezi seziyidijithali. Lukhetho lwakho nakuba kunjalo, kuphela ukuba ufuna ukubukela amajelo awongezelelekileyo aza kube ekwi- DTT.

**8. Ingaba ndiza kufuna ieriyali entsha ye-TV?**

Ewe, unokufuna ieriyali yaphandle ye-UHF. Kwiimeko ezithile, ieriyali yakho endala ye-UHF iseza kusebenza. Uya kukwazisa umfaki wayo.

**9. Xa abantu bethetha “ngokufudukela kwidijithali” okanye “ukutshintshela kwidijithali” – bathetha ntoni?**

Le yinkqubo yokusuka kusasazo lwe-TV lweanalogu kusiyiwa kwidijithali. Ukutshintshela kwidijithali nokufudukela kwidijithali yinto enye. Jonga kwisi-1 ngasentla.

**10. Ingaba kufanele ndithenge umabonakude omtsha ukuze ndifumane i-DTT?**

Hayi Zonke iiseti ze-TV zeanalogu (ezindala) ziza wukwazi ukufumana i-DTT ukuba nje uyiqhagamshela kwi-STB. Ii-TV ezikwaziyo ukufumana amajelo e-TV eDijithali ngaphandle kwe-STB ziyafumaneka ngoku emarikeni, kwaye zinophawu lwe-Go Digital. Le “yi-TV yedijithali” okanye nguMabonakude oFakwe kwiDijithali (Integrated Digital Television) (IDTV).

Okubalulekileyo emakuqatshelwe nokuba i-TV “seyilungele idijithali” okanye “ilungele i-HD” – akuthethi ukuba iza kufumana usasazo lwedijithali ngaphandle kwe-STB. Jonga uphawu lwe “Go Digital” okanye uphawu lwe “DVB-T2” ukuqinisekisa kuba i-TV yi-IDTV.

**11. Zeziphi izixhobo endizifunayo ukuze ndibukele i-DTT?**

Ufuna idikhowuda okanye i-STB (efanayo ne-DSTV okanye i-OVHD). Ngenye indlela, ungafumana kananjalo i-IDTV ukuba ukummandla ekufikelela kuwo uthungelwano lwasemhlabeni wonke lwedijithali.

**12. Ingaba kuza kufuneka ndihlawule imali yomiselo nyanga nganye njengakwi-DStv?**

Hayi, isimahla ukuba une-DTT okanye idikhowuda engahlawulelwayo ye-DTH/STB. Abo bakhetha iidikhowuda ezihlawulelwayo kwi-DSTV naku-StarSat kuza kulindeleka ukuba bahlawulele inkonzo le kubaboneleli ngenkonzo le kubaboneleli ngenkonzo ababakhethayo. I-OpenView ayihlawulelwa, uhlawula kanye kuphela xa uthenga idikhowuda yakho kunye nokufakwa kwayo kumthengisi. Nakuba kunjalo,